

UNksk. Angie Motshekga, uMphathiswa wemfundo esisiSeko



UMnu. Enver Surty uSekela Mphathiswa wemfundo esisiSeko

Ezi ncwadi zilungiselelwe abantwana baseMzantsi Afrika phantsi kwephiko loMphathiswa weMfundo esisiSeko uNksk. Angie Motshekga kunye noSekela Mphathiswa weMfundo esisiSeko uMnu. Enver Surty.

Ezi ncwadi zokusebenzela, iRainbow Workbooks, lelinye lamalinge ongenelelo eSebe leMfundo esisiSeko ajolise ekuphuculeni umgangatho wabafundi beloMzantsi Afrika abakumabanga amathandathu okuqala. Njengomnye wemiba ephambili yoMkhomba-ndlela kaRhulumente, eli phulo libe nempumelelo ngenxa yenkxaso-mali evela kuVimba weSizwe. Oku kuye kwenza ukuba iSebe likwazi ukuvelisa ezi ncwadi, zifumaneke kuzo zonke iilwimi ezisemthethweni ngexabiso eliphantsi.

Sinethemba lokuba ootitshala baya kuzifumana ezi ncwadi zokusebenzela ziluncedo kakhulu kwimfundo yemihla ngemihla, nasekuqinisekiseni ukuba abafundi bayifikelela yonke ikharityhulam. Ukuqinisekisa ukuba utitshala uyakhokelwa kuyo yonke imisetyenzana, sisebenzise izalathisi ezibonisa oko kufanele ukwenziwa ngumfundi.

Sinethemba lokwenene lokuba abantwana baya kukonwabela ukusebenza kwezi ncwadi ekukhuleni nasekufundeni kwabo, kwanokuba nawe titshala uya kwabelana nabo kolu yolo.

Sinqwenela ukuba nibe nempumelelo ekusebenziseni ezi ncwadi.



a b c d e
f g h i j
k l m n o p
q r s t u
v w x y z

Rainbow WORKBOOKS

ISIXHOSA HOME LANGUAGE
GRADE 2 – BOOK 1
TERMS 1 & 2
ISBN 978-1-920458-18-8

THIS BOOK MAY NOT BE SOLD.

ISIXHOSA ULWIMI LWEENKOBE – Ibanga lesi-2 Incwadi yoku-1

ISBN 978-1-920458-18-8



Ibanga lesi- 2

Igama:

Iklasi:

basic education
Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

ISIXHOSA ULWIMI LWEENKOBE

Incwadi yoku-1
Ikota 1 & 2

Iminwe yakho mayikuncede ufunde ufunde

Maxa wambi xa ufunda udibana namagama ongawaziyo. Xa kusenzeka oku kufuneka iminwe yakho ikuncede. Umnwe ngamnye ungakunceda ekucingeni indlela yokubiza igama kwakunye nendlela ongacinga ngayo intsingiselo yelo gama.



UXANDUVA LOLUTSHA LOMZANTSI AFRIKA

Ukulingana

Phatha wonke umntu ngokulinganayo nangendlela elungileyo. Musa ukucalucalula.



Isidima somntu

Hlonipha wonke umntu. Yiba nenceba nenkathalo.



Ubomi

Ubomi buxabisekile. Phatha yonke into ephilayo ngentlonipho.



Usapho



Bahlonele abazali bakho. Yiba nobubele netembeko kusapho lwakho.

Imfundo

Yiya esikolweni, ufunde kwaye usebenze ngokuzimisela. Thobela imithetho yesikolo.



Umsebenzi

Ncedisa kwimisebenzi yasekhaya. Abantwana mabanganyazelwa ukuba bafune umsebenzi.



Inkululeko nokhuseleko



Musa ukubavisa ubuhlungu okanye ubagonyamele abanye, kwaye sukubavumela nabanye ukuba benze njalo. Iingxwaba-ngxwaba mazisonjululwe

Ipropati

Zihlonele izinto zabanye abantu. Musa ukonakalisa ipropati kwaye musa ukuba.



Inkolo, inkolelo kunye noluvo

Zihlonele iinkolelo nezimvo zabanye abantu.



Ukhuseleko



Wukhathalele umhlaba. Musa ukuwamosha amanzi nombane. Zikhathalele izilwanyana nezityalo. Gcina ikhaya layo kunye nendawo ohlala kuyo icocekile kwaye ikhuselekile.

Ubummi



Yiba ngummi woMzantsi Afrika olungileyo nothembekileyo. Yithobele imithetho kwaye uqinisekise ukuba benjenjalo nabanye abantu.

Inkululeko yokuvakalisa izimvo

Musa ukusasaza ubuxoki nentiyo. Qinisekisa ukuba abanyhukulwa okanye baviswe ubuhlungu abanye abantu.



Published by the Department of Basic Education
222 Struben Street
Pretoria
South Africa

© Department of Basic Education
Third edition 2013

ISBN 978-1-920458-18-8

The Department of Basic Education has made every effort to trace copyright holders but if any have been inadvertently overlooked, the Department will be pleased to make the necessary arrangements at the first opportunity.

This book may not be sold.

Ibanga lesi-2

Rainbow WORKBOOKS

ulwimi

ngesiXHOSA

1 Sibuyela esikolweni 2

2 Usapho kunye nabahlobo 34

3 Ukuhambela iindawo 66

4 Ubume obusingqongileyo 98



Le ncwadi yeka-:

_____

ISIXHOSA

Incwadi yoku-1

Umhla: _____

Zavulwa izikolo





Masifunde



Sibuyele esikolweni. Heyi, ibinde iholide.
Molo Sam.
Molo Thabo.
Molo Sipoti.
Ubuye phi ngeholide?



Thabo

Siye saya kumakhulu.



Sam

Siye sayokuqubha.





Ann

Besisekhaya.



Sipoti



Jabu

Besisekhaya. Baphi uSam noAnn noSipoti?
Sifuna ukubaleka nabo.



Bhala Funda izivakalisi ubeke uphawu ✓ kuEwe xa uvuma, ✗ kuHayi xa uphika.

Babuyile esikolweni ooJabu.	
UJabu uye wayokuqubha ngeeholide.	
UAnn ebesekhaya.	



Sisebenza ngamagama Funda la magama umamele izandi.



igogogo	qubha	ekhaya	jika
igada	ibhasi	khula	jonga
goba	bhobhoza	khululula	Jabu

Amagama okujongisisiwa

inde
esikolweni
Molo
saya



Bhala Ziqhelise ukubhala aba nobumba.
Bhala ke ngoku izivakalisi encwadini yakho usebenzise amagama akwibhokisi yamagama.



A A a a

Nn Oo Pp Qq Rr Ss Tt Uu Vv Ww Xx Yy Zz

Ndibuyele esikolweni



Masenzeni oku Zoba umfanekiso ubonise oko ukwenze ngexesha leeholide zesikolo.



Bhala Khetha igama elinye ugqibezele ngalo isivakalisi.

Sasifuna	_____ kumakhulu.
Saya	_____ uSam, uMimi noSipoti?
Babephi	_____ ukuleqana nabo.
babuyela	Abantwana _____ esikolweni.



Bhala

Bhala izandi ezibini uxele okwenzileyo ngeeholide zesikolo.
La magama aza kunceda, wasebenzise.

siye	eholideyini	ekhaya	uSam	qubha	elwandle



Masonwabe

Bhala iintsuku zeveki ezingekhoyo.
Zoba ke ngoku imifanekiso ebonisa into oza kuyenza evekini njengokuba ubuyele esikolweni nje. Xelela umhlobo wakho:

NgoMvulo ndiza ...

NgeCawa ndiza ...

NgoMvulo		NgoLwesibini	
NgoLwesihlanu			NgeCawa

Teacher:
Sign:
Date:

Nn Oo Pp Qq Rr Ss Tt Uu Vv Ww Xx Yy Zz

Umhla: _____

Iyunifomu



Masifunde



Sonke sinxiba iyunifomu yesikolo.
Isakulingana nangoku iyunifomu yakho?



Sam

Iyunifomu yam incinci.
Kufanele ndinxibe eyomntakwethu.



Thabo

Mna ndineyunifomu entsha.
Inkulu kakhulu. Umama uthi iyunifomu kufanele indilingane ndide ndifike kwibanga lesi-5.





Ann

Iyunifomu yam nayo incinci.



Jabu

Andinayo mna iyunifomu.
Utata uza kundifunela xa amkele.



Bhala Funda izivakalisi ubeke uphawu ✓ kuEwe xa uvuma, ✗ kuHayi xa uphika.

UAnn uneyunifomu encinci.	
UThabo uneyunifomu entsha.	
UJabu uza kuba nayo iyunifomu xa utata wakhe erholile.	



Sisebenza ngamagama Funda la magama umamele izandi.



umfana	ulwazi	ingubo	incinci
umfula	isilwanyana	ingozi	ncama
umfo	uLwesine	ingoma	ncekelela

Amagama okujongisiswa

entsha
uzoba
nayo
xa



Bhala

Ziqhelise ukubhala aba nobumba.
Bhala ke ngoku izivakalisi encwadini yakho usebenzise amagama akwibhokisi yamagama.



B B b b

Iyunifomu yam

Masenzeni oku Zoba umfanekiso wakho unxibe iyunifomu yesikolo.



Bhala Gqibezela eli khadi.

Igama lam ngu _____ .

Ndenza iBanga _____ .

Ndineminyaka _____ ubudala.

Igama lesikolo sam _____ .



Bhala

Bhala izivakalisi ezibini ngeyunifomu yakho.
Sebenzisa la magama akuncede.

iqhina	ibhatyi	izihlangu	ihempe
ibhulukhwe	iikawusi	ijezi	isiketi

Masonwabe

Bhala igama lento enxitywayo ze uyitshatise nomfanekiso.





iqhina

Teacher:
Sign:
Date:

Umhla: _____

Kukho inkwenkwe efikayo





Masifunde



Jimi

NdinguJimi. Ndyinkwenkwe efikayo kwesi sikolo. Ndizimele ndedwa.
Bendifunda kwesinye isikolo.

"Ndingavuya ukuba ndinganomhlobo endiza kudlala naye," kutsho uJimi.



Sipoti



Ann

UAnn noSipoti babona uJimi emi yedwa. Baya kuye uJimi.

"Molo Jimi. Uyafuna ukudlala nathi?" kubuza uAnn.





Ann

"Ungadlala nathi," kutsho uAnn.

UJimi uyavuya ngoku uza kudlala noMimi kunye noSipoti.



Jimi



Bhala

Funda izivakalisi ubeke uphawu ✓ kuEwe xa uvuma, ✗ kuHayi xa uphika.

UJimi ngumfana omtsha esikolweni.	
UAnn kunye noSipoti bancokola noJimi.	
UJimi uyavuya.	



Sisebenza ngamagama

Funda la magama umamele izandi.



nangona	funda	dlala	nje
ngena	landa	dlula	njengangoku
ingenile	indawo	dloba	inja

Amagama okujongisiswa

kwesi
kwesinye
kutsho



Bhala

Ziqhelise ukubhala aba nobumba.
Bhala ke ngoku izivakalisi encwadini yakho usebenzise amagama akwibhokisi yamagama.



C C c c

Siyakwamkela esikolweni

Masenzeni oku

Eqeleni lakho yenzani umdlalo-linganiso nibonise indlela eniya kuyamkela ngayo inkwenkwe okanye intombazana efikayo.



Bhala

Vala izikhewu kwezi zivakalisi.
Qala isivakalisi ngonobumba omkhulu.

UJimi	UAnn	USipoti

_____ yinkwenkwe efikayo esikolweni.

_____ noSipoti badlala noJimi.

_____ yinja.

Bhala

Bhala izivakalisi ezibini ngomhlobo wakho usebenzisa la magama.
Sebenzisa la magama akuncede.

inkwenkwe	intombazana	unobubele	ulungile	baleka	dlala



Masonwabe

Nceda inkwenkwe efikayo ukuba ifumane indlela eya esikolweni.
Yichazele iindawo eza kudlula kuzo.







QALA









ISIKHULULO
SAMAPOLISA









ISIBHEDLELE





ISIKOLO





Teacher:
Sign:
Date:

Umhla: _____

Imidlalo yasesikolwenI





Masifunde



Ann

Ndithanda ibhola yamantombazana.

Jimi



Sithanda ibhola ekhatywayo.



Bongi

Ndithanda ujingi. Kufanele ndingawi kujingi.

Ndithanda ukubaleka.



Jabu





Ndidlala nabaqhawule intambo.

Sam

Lebo



ULebo ufuna ukudlala. Ukhubazekile. Kunzima ukuba ahambe. Udlala nenja yakhe. Sithanda ukuthetha naye.



Bhala

Funda izivakalisi ubeke uphawu ✓ kuEwe xa uvuma, ✗ kuHayi xa uphika.

ULebo uhamba nenja.	
UJabu uthanda ibhola yamantombazana.	
UBongi noAnn bathanda ibhola ekhatywayo.	



Sisebenza ngamagama

Funda la magama umamele izandi.



into	izitho	imbila	unyaka
ntantazela	thatha	imbali	inyoka
intamo	thetha	imbo	inyosi

Amagama okujongisisiswa

kufanele
kujingi
Kunzima



Bhala

Ziqhelise ukubhala aba nobumba.
Bhala ke ngoku izivakalisi encwadini yakho usebenzise amagama akwibhokisi yamagama.



D D d d

Ndiyayithanda imidlalo

Masenzeni oku Zoba umfanekiso womdlalo othanda ukuwudlala.



Bhala Gqibezela ezi zivakalisi. Khetha kula magama angezantsi.

ikeyiki	ibhola yamantombazana	ukubaleka	ukuya esikolweni

Ndithanda
Andithandi
Ndithanda
Andithandi



Bhala

Bhala izivakalisi ezibini ngomdlalo othanda ukuwudlala usebenzise la magama.

baleka	dlala	thanda	imidlalo	tsiba	yonwaba

Bhala

Biyela impendulo ehambelana nomfanekiso.



A) itenesi
B) iqakamba
C) ibhola ekhatywayo
D) ibhola yombhoxo



A) ukuqubha
B) iqakamba
C) ukutsiba
D) ibhola yomnyazi



A) umbhoxo
B) iqakamba
C) ijudo
D) ibhola yomnyazi



A) itenesi
B) iqakamba
C) ukuqubha
D) ukubaleka



A) ukuqubha
B) iqakamba
C) ukutsiba
D) ibhola yomnyazi



A) itenesi
B) umbhoxo
C) ibhola yomnyazi
D) ukuqubha

Teacher:
Sign:
Date:

Umhla: _____

Kufika umongikazi esikolweni





Masifunde

Umongikazi uze esikolweni sethu ukuze asixilonge amehlo.

UMariya ufuna izipekisi. Akaboni kakuhle. Ngalo lonke ixesha uhlala ngaphambili.









Ann

Umongikazi ucela ukuba sifunde okubhalwe edongeni.

Uyakwazi ukubona kude?





Bhala

Funda izivakalisi ubeke uphawu ✓ kuEwe xa uvuma, ✗ kuHayi xa uphika.

Umongikazi weza kujonga amehlo ethu.	
UMariya ufuna izipekisi.	
Ugqirha uzile esikolweni sethu.	



Sisebenza ngamagama

Funda la magama umamele izandi.



hlala	impama	ukwazi	ulwelo	cheba
hlaba	impempe	ukwala	ulwazi	chula

Amagama okujongisisiwa

imini
ndenza
yenza
phantsi



Bhala

Ziqhelise ukubhala aba nobumba.
Bhala ke ngoku izivakalisi encwadini yakho usebenzise amagama akwibhokisi yamagama.



E E e e

Nanko ke umongikazi uthi ...



Masenzeni oku

Jonga imifanekiso ze uxelele umhlobo wakho ukuba umongikazi uthe yenzani.



Hlamba amazinyo.



Hlamba izandla.



Yitya iziqhamo nemifuno.



Lala kwangoko.





Bhala

Bhala izivakalisi ezithathu ngento athe umongikazi yenze.

Kufanele ndi
Kufanele ndi
Kufanele ndi



Bhala

Gqibezela ezi zivakalisi.

ukuqubha	ukudanisa	ukuqhuba	ukucula	ukupheka	ukupeyinta

Andikwazi

Ndiyakwazi

Andikwazi

Ndiyakwazi





Masonwabe

Dibanisa amagama nemifanekiso efanelekileyo.

umongikazi

impempe

ichibi

intambo yesigcawu













Nn Oo Pp Qq Rr Ss Tt Uu Vv Ww Xx Yy Zz

Umhla: _____

Basipha ukutya esikolweni



Masifunde

Funda ibali. Biyela ngesangqa amagama anesandi esingu ty.



Ann

Sinethamsanqa. Sinikwa ukutya esikolweni.

Umama usiphekela ukutya okunempilo.

Siyavuya kuba siphiwa ukutya.









Nomsa

USipoti uyakufuna naye ukutya.Ndithanda iminqatha.
UDan uthanda inyama.
UNomsa uyagula.
Akakuthandi ukutya namhlanje.





Bhala

Funda izivakalisi ubeke uphawu ✓ kuEwe xa uvuma, ✗ kuHayi xa uphika.

UNomsa uziva ngathi uyagula.	
UDan uyayithanda inyama.	
UNomsa ufuna ukutya.	



Sisebenza ngamagama

Funda la magama umamele izandi.



ukwala	impepho	zodwa	idlelo	hlehla
ukwakha	impilo	kodwa	isidlo	hlala
ukwazi	impukane	bodwa	ukudlala	hleka

Amagama okujongisiswa

Sivuyile
inyama
ukuphiwa



Bhala

Ziqhelise ukubhala aba nobumba.
Bhala ke ngoku izivakalisi encwadini yakho usebenzise amagama akwibhokisi yamagama.



F f f

Siyatya esikolweni

Masenzeni oku

Zoba umfanekiso wento okwazi ukuyizoba:

ivumba	okunambithekayo	okubonakalayo

okumamelekayo	okuvakalayo xa ukuphatha

Bhala

Bhala igama elifanelekileyo ecaleni komfanekiso wokutya ngakunye.

ubisi	isonka	itshizi	inyama	amaqanda
intlanzi	iapile	imbotyi	ikeyiki	umgubo





Bhala Qqibezela ezi zivakalisi usebenzise la magama alandelayo.

ujabu uyayithanda itshizi
UJabu uyayithanda itshizi.
ubongi utya inyama qho ngeveki
uyazithanda na iimbotyi
yhuu ndiwise amaqanda



Masonwabe Tshatisa amagama nemifanekiso.
Phawula ukutya okuthandwa nguwe kunye nomhlobo wakho.











	iitshiphusi	ikhaphetshu	ikeyiki	iilekese	isipinatshi
Ndithanda					
Umhlobo uthanda					



Umhla: _____

Senza umsebenzi wesikolo ekhaya



Masifunde

NdinguDan. Andithandi ukwenza umsebenzi wesikolo ekhaya.
Andiwuthandi. Andithandi ukuhlala usuku lonke.
Ndifuna ukudlala njalo.
Utitshala uthi kufanele sifunde zonke iintsuku nokuba sisekhaya
Uthi kufanele ndenze umsebenzi wesikolo phambi kokudlala ibhola ekhatywayo.







Dan

Ndithanda ukukhaba ibhola ndibaleke.

Umama uyajonga ukuba ndiyawenza na umsebenzi wesikolo.

Ndiyamfundela. Uhlola umsebenzi wam.



Bhala Funda izivakalisi ubeke uphawu ✓ kuEwe xa uvuma, ✗ kuHayi xa uphika.

UDan uthanda umdlalo weqakamba.	
UDan uthanda umsebenzi wesikolo.	
Uyise ujonga umsebenzi wakhe.	



Sisebenza ngamagama Funda la magama umamele izandi.



yenza	umsele	inkomo	enye	inja
amanzi	umsila	yonke	inyama	injoli
isithunzi	umsebenzi	inkamela	inyosi	njalo

Amagama okujongisiswa

ujonga
ndenze
yini
iintsuku



Bhala Ziqhelise ukubhala aba nobumba.
Bhala ke ngoku izivakalisi encwadini yakho usebenzise amagama akwibhokisi yamagama.



G G g g

Ndenza umsebenzi wesikolo ekhaya

Masenzeni oku



Yibani ngababini. Linganisani uDan engafuni ukwenza umsebenzi wesikolo ekhaya.
Omnye makabe ngutitshala. Makamxelele ukuba kubaluleke njani ukwenza umsebenzi wesikolo ekhaya.

Bhala

Krwela umgca phakathi kwemifanekiso emibini enezandi ezifanayo.





Bhala

Bhala izivakalisi ezibini uxele ukuba uwenza nini phi umsebenzi wesikolo ekhaya. Sebenzisa la magama akuncede.

emalanga	etafileni	iincwadi	egumbini lokuhlala



Masonwabe

Qaibezela lo mfanekiso ze uwufake umbala. Wuleyibhelishe.





	isonka
	itshizi
	ilethasi
	itumato
	inyama



Teacher:
Sign:
Date:

Umhla: _____

Uvavanyo



Masifunde Funda ibali. Biyela ngesangqa amagama anesandi esingu th no tsh.



Namhlanje ngumhla wama-20 kuMatshi.

Sibhala uvavanyo.

USipoti uhleli phantsi usijongile.

Ndiyakwazi ukufunda nokubhala ngenxa yokuba ndenza umsebenzi wesikolo rhoqo ekhaya.





Jim

Utitshala wam uthi umsebenzi wam mhle.

Uvavanyo lunceda ukuba utitshala akwazi ukundinceda.

Ndizama rhoqo ukusebenza kakuhle esikolweni.



Bhala

Funda izivakalisi ubeke uphawu ✓ kuEwe xa uvuma, ✗ kuHayi xa uphika.

Iklasi ibhala uvavanyo.	
USipoti akoyiki.	
Uvavanyo lunceda ukuba utitshala akwazi ukunceda abafundi.	



Sisebenza ngamagama

Funda la magama umamele izandi.

bhala	inyama	iintsuku	ithunzi
bhijela	unyawo	intsila	isenzo
bheka	inyanga	iintsiba	yenza

Amagama okujongisiswa

weza

unakho

yiza



Bhala

Ziqhelise ukubhala aba nobumba.
Bhala ke ngoku izivakalisi encwadini yakho usebenzise amagama akwibhokisi yamagama.



H H h h

Iintsuku ezibalulekileyo



Masenzeni oku

ikhalenda Ncokola nabahlobo bakho ngokuba inini imihla yokuzalwa kwabo. Bhala amagama abo kwinyanga efanelekileyo ekhalendeni.



Bhala

Buza abahlobo bakho aba-4 ukuba inini imihla yokuzalwa kwabo ze ubhale imihla ecaleni kwamagama abo.

Igama lomhlobo	Umhla wokuzalwa
UBongiwe	15 Agasti



Bhala

Bhala usuku lwakho lokuzalwa.



Usuku

Inyanga

Ikhalenda yemihla yokuzalwa



Janyuwari	Febhuwari	Matshi

Epreli	Meyi	Juni

Julayi	Agasti	Septemba

Okthobha	Novemba	Disemba



Umhla: _____

Iintsapho ezahlukahlukeneyo





Masifunde



Alilikhulwanga ikhaya lika-Ann.
UJabu unekhaya elikhulu.

Ekhaya siyamamelana.

Kulo Jabu kukho umakhulu.
Abanye abantwana abanatata abanamama.
Masibancedeni.



Sipoti

USipoti yinja yam endiyithandayo.
Ndidlala naye ndimphe nokutya.
Ufuna oku noku nokuya.

Aba bona baneekati kuphela.



Bhala Funda izivakalisi ubeke uphawu ✓ kuEwe xa uvuma, ✗ kuHayi xa uphika.

Alilikhulwanga ikhaya lika-Ann.	
UJabu unekhaya elikhulu.	
USipoti uyikati.	



Sisebenza ngamagama Funda la magama umamele izandi.



khotha	yena	guba	susa
khala	yona	goba	sala
khula	yintoni	gaqa	sika

Amagama okujongisiswa

siyamamelana
abanatata
unekhaya



Bhala

Ziqhelise ukubhala aba nobumba.
Bhala ke ngoku izivakalisi encwadini yakho usebenzise amagama akwibhokisi yamagama.



I i

Usapho lwam

Masenzeni oku

Zoba umfanekiso wosapho lwakho.

Bhala

Tshatisa la magama nemifanekiso efanelekileyo.
Sebenzisa irula kunye nemibala eyahlukeneyo.

umama	umntwana	umntakwethu	udadewethu	abantwana	utata





Bhala

Bhala izivakalisi ezibini ngosapho lwakho.
Sebenzisa la magama.

uthando	usapho	umntakwethu	udade wethu	mncinci	mdala



Masonwabe

Khetha isipho somntu ngamnye elusatsheni lwakho.
Phawula isipho ngasinye emva kokuba usinike ilungu losapho.



Yithi:

Ndiza kunika umama itshokolethi ngoba uthanda izinto ezineswekile.





Umhla: _____

Ndaya emtshatweni



Masifunde

Funda ibali. Biyela ngesangqa amagama anesandi esingu b.

Ndiye emtshatweni kamalume uDumi ngeCawa.

Bonke abantu bebonwabile.

Umakoti ube mhle. Ubenxibe impahla entle.

Bekukho abantu abaninzi.

Bekuxhentswa kuculwa.

Sitye kakhulu isisu sam sade saba sikhulu.



Bongi





UBongi ubesoloko eleqa uSipoti.

Ude wawa walimala iminwe.

Baye bamsa kugqirha.





Bhala Funda izivakalisi ubeke uphawu ✓ kuEwe xa uvuma, ✗ kuHayi xa uphika.

UBongi uzilimaze isandla.	
Umalume uDumi ubetshata.	
UBongi uye kugqirha kuba wenzakele iminwe.	



Sisebenza ngamagama Funda la magama umamele izandi.



Amagama okujongisiswa

ngeCawe
umakoti
ubemhle

kodwa	sodwa	yedwa	babodwa	ninodwa
iminwe	nwaya	nweba	unwabu	iinwele
kuculwa	isilwanyana	ulwandle	ilulwane	babalwa



Bhala Ziqhelise ukubhala aba nobumba.
Bhala ke ngoku izivakalisi encwadini yakho usebenzise amagama akwibhokisi yamagama.



J J j j

Bendisesemtshatweni

Masenzeni oku



Yenzani umdlalo-linganiso nibonise okwenzeka kuBongi emtshatweni. Sebenzisani aba balinganiswa:

- UBongi
- USipoti
- UMama
- UGqirha

Bhala

Nombola le mifanekiso ngamanani 1–4 uyilandelelanise kakuhle.
Balisela umhlobo ibali eliboniswa yimifanekiso.











Bhala Bhala isivakalisi ngalo mfanekiso.
Sebenzisa la magama, aza kunceda.

ibhandeji	ugqirha	eklinikhi	ingcambu
isigodo somthi	umtshato	wawa	iminwe



Masonwabe Biyela impendulo ehambelana nomfanekiso.



A ukhathazekile
B wonwabile
C ucaphukile



A mbi
B ucaphukile
C mhle



A ugugile
B usemtsha
C intsha



A kuyana
B kubalele
C kusebusika



Teacher:
Sign:
Date:

Umhla: _____

Abahlobo abathembekileyo





Masifunde

Wonke umntu ufuna umhlobo othembekileyo.

Unaye umhlobo? Ngubani?

UTumi noPam badlala ndawonye. Benza umsebenzi wesikolo ndawonye. Bafundisana abakubhalileyo.







UTumi noPam banomnye umhlobo othembekileyo. Igama lakhe nguBongi.

Umama kaBongi ugula kakhulu.

Yonke imihla uBongi ucoca indlu. Ugcina umntwana wakowabo oyinkwenkwe.

UTumi noPam baza kumnceda.



Bhala Funda izivakalisi ubeke uphawu ✓ kuEwe xa uvuma, ✗ kuHayi xa uphika.

UTumi, uPam noBongi bangabahlobo.	
Umama kaTumi uyagula.	
UPam noTumi abafuni ukunceda uBongi.	



Sisebenza ngamagama Funda la magama umamele izandi.

inkukhu	inkomo	inkawu	inkosi	inkani
iinzipho	isenzo	izenzo	ithunzi	kunzima

Amagama okujongisiswa

abafuni
uyagula
umhlobo





Bhala Ziqhelise ukubhala aba nobumba.
Bhala ke ngoku izivakalisi encwadini yakho usebenzise amagama akwibhokisi yamagama.



K k k k

Banjani abam abahlobo

Masenzeni oku

Yakhani iqela, nidlale umdlalo olinganisa umhlobo ofuna ukuba nimncede.



Xelani ukuba yintoni ingxaki anayo nokuba niza kumnceda njani.

Bhala

Bhala phantsi indlela onganceda ngayo ekhaya nasesikolweni.

Ndinganceda njani esikolweni.

Ndinganceda njani ekhaya.

Bhala

Bhala izivakalisi ezibini ngomntu okuncedayo.







Masonwabe

Siyabaleka siya kuloBongi. Ngubani oza kufika kuqala kuloBongi? Phosa phezulu imali eziinkozo. Ukuba ufumana intloko ungahamba kabini uye phambili. Ukuba ufumana umsila ungahamba kanye kuphela ukuya phambili. Lowo ufika kuqala kuloBongi nguye ophumeleleyo. Ukuba ukuhamba kwakho kukufikisa egameni, lifunde elo gama.

eyakhe
oku
nini
udadewethu
bona
oko
intoni
umntakwethu
yena
kona
yiza
umntwana
uyagula
umhlobo
usemtsha
utata
umtshato
ubani
sihambile
umama

Teacher:
Sign:
Date:

Umhla: _____

Sizikhathalele izilo-qabane zethu





Masifunde



USipoti yinja egezayo.

Uyakuthanda ukuleqa ikati.

Izolo ikati ikhwele emthini waza uSipoti akakwazi ukuyifumana.

Yayisoyika ukwehla.





Ndilande ileli ukuze ndothule ikati.

UAnn undincedisile.

Ikati siyinike ukutya ukuba itye.



Bhala Funda izivakalisi ubeke uphawu ✓ kuEwe xa uvuma, ✗ kuHayi xa uphika.

Ikati yaleqa inja.	
Ikati yakhwela emthini.	
UBongi wothule ikati emthini.	



Sisebenza ngamagama Funda la magama umamele izandi.



ukutya	tyebisa	ityuwa	tyala
khwela	khwaza	khwitshilika	khwebula
leqa	laqaza	loqa	qala

Amagama okujongisiswa

uhlala
abekho
zonke



Bhala Ziqhelise ukubhala aba nobumba.
Bhala ke ngoku izivakalisi encwadini yakho usebenzise amagama akwibhokisi yamagama.



L L I I

Izilo-qabane zethu

Masenzeni oku

Zoba umfanekiso wesilwanyana ocinga ukuba singasisilo-qabane esifanelekileyo.

Bhala

Bhala okwenzeka xa uSipoti wayeleqa ikati eyakhwela emthini.

Bhala Gqibezela la magama ngokusebenzisa ezi zandi.

ny	bh	wo	zi

			
i__ ama	i__egi	iinya__	i__hlangu

Masonwabe Tshatisa imifanekiso ukubonisa ukuba wenza ntoni ekuseni, emalanga nasebusuku.









kusasa

emini

ebusuku









Teacher:
Sign:
Date:

Umhla: _____

Ukugcina ikhaya lethu licocekile





Masifunde Funda ibali. Biyela ngesangqa amagama anesandi esingu nc no ngc.



Kufanele sincedise sonke ekhaya.

Ndiyatshayela, umama uyacoca aze utata asule uthuli.





Umntwana uyangcolisa.

Xa sesigqibile sihlala phantsi sincokole.

Ndifunda incwadi okanye ndindwendwele uBongi.



Bhala Funda izivakalisi ubeke uphawu ✓ kuEwe xa uvuma, ✗ kuHayi xa uphika.

Utata uyahlamba.	
Umama uyatshayela.	
Ndiya kuloBongi xa sendigqibile.	



Sisebenza ngamagama Funda la magama umamele izandi.



ihashe	hayi	ihempe	halala	iholo
umama	umongo	amanzi	amehlo	imilo
funda	landa	thanda	sinda	linda

Amagama okujongisiswa

kufanele
uhlamba
phantsi



Bhala

Ziqhelise ukubhala aba nobumba.
Bhala ke ngoku izivakalisi encwadini yakho usebenzise amagama akwibhokisi yamagama.



M M m m

Ekhaya

Masenzeni oku Zoba umfanekiso wento ongathandiyo ukuyenza ekhaya.

Bhala Gqibezela ezi zivakalisi.

Andikuthandi uku

Ndiyakuthanda uku

Bhala

Gqibezela la magama ngokusebenzisa ezi zandi.

sa	sh	ph	ye

			
igu___a	___upha	tsha___la	kha___

Masonwabe

Zoba umfanekiso obonisa ukuba wenza ntoni ekuseni, emalanga nasebusuku.



Ekuseni





Emalanga



Ebusuku

Teacher:
Sign:
Date:

Umhla: _____

Senza imithambo



Masifunde



Utitshala uthi sonke kufanele sidlale.

Ndithanda ukubaleka.
Siyadlala ukuphuma kwesikolo.
Siyakhuphisana.

Ndithanda ibhola yamantombazana, ibhola yomnyazi.

UAnn udlala eyamantombazana ngoMvulo nangoLwesine.

Uyiphosa kakhulu iye kude.

Ngenye imini wophula ifesitile ngebhola.



Bhala Funda izivakalisi ubeke uphawu ✓ kuEwe xa uvuma, ✗ kuHayi xa uphika.

UAnn uthanda ibhola yamantombazana.	
UPhila udlala ibhola ekhatywayo ngoMvulo nangoLwesine.	
UAnn wophula ifesitile.	

Sisebenza ngamagama Funda la magama umamele izandi.



kwala	kwatsho	kwamalume	kwasa
qhuma	qhuba	qhula	qhumisa
msuse	mse	umsila	umsele

Amagama okujongisiswa

asule

liye

ilanga

Bhala

Ziqhelise ukubhala aba nobumba.
Bhala ke ngoku izivakalisi encwadini yakho usebenzise amagama akwibhokisi yamagama.

N N n n

Imidlalo nokwenza imithambo

Masenzeni oku



Khumbula umdlalo othanda ukuwudlala.
Chazela umhlobo wakho ukuba ngowuphi umdlalo owuthandayo ingowuphi ongawuthandiyo.

Bhala

Bhala izivakalisi ezithathu ngomdlalo owuthandayo nomdlalo ongawuthandiyo.

Ndithanda	Andiyithandi
_____ ibhola ekhatywayo.	
_____ ibhola yamantombazana.	
_____ ukuqubha.	

Bhala

Bhala ezi ntsuku zeveki ngokulandelelana kwazo, uqale ngeCawe.
Emva koko zoba umfanekiso wento othanda ukuyenza ngosuku oluthile kwezi ntsuku uzinikiweyo.

NgoLwesibini	
NgeCawe	
NgoLwesithathu	
NgoLwesine	
NgoMvulo	
NgoLwesihlanu	
NgoMgqibelo	

Masonwabe

Jonga umfanekiso. Xelela umhlobo wakho ukuba ziintoni ezikufutshane nawe izintoni ezikude.



Teacher:
Sign:
Date:

Umhla: _____

Sitya ukutya okufanelekileyo





Masifunde Funda ibali. Biyela ngesangqa amagama anesandi esingu i no ii.



Ndithanda ukutya imifuno esegadini yasekhaya.

Sityala iminqathe, iitapile neetumato.

Xa kunganethi, sinkcenkceshela izityalo.

Ngenye imini ibhokhwe yatya zonke izityalo.

Ndayileqa kodwa yandishiya.



Bhala Phendula le mibuzo.

Utyale ntoni egadini?

Uzinkcenkceshela nini izityalo?

Yintoni eyafika yatya izityalo?

Sisebenza ngamagama Funda la magama umamele izandi.



dlamka	dlula	dlala	isidlo
tyelela	tyala	ityali	izityalo
yimba	imbabala	imbali	umbona

Amagama okujongisiswa

imifuno

sakuthi

yadla

Bhala

Ziqhelise ukubhala aba nobumba.
Bhala ke ngoku izivakalisi encwadini yakho usebenzise amagama akwibhokisi yamagama.



O o o o

Ibhokhwe esegadini

Masenzeni oku

Yibani ngababini, dlalani umdlalo nilinganise ibhokwe ingena egadini isidla imifuno. Ngubani oza kuba yibhokhwe?

Masifunde

Jonga imifanekiso nomhlobo wakho ze ubhale inani kumfanekiso ngamnye ngokulandelelana kwayo.







Bhala

Bhala izivakalisi ezibini ngokubona emfanekisweni. Sebenzisa la magama.

ibhokhwe	yatya	imifuno	sayileqa	isango

Masonwabe

Jonga imibala.
Chazela umhlobo wakho ukuba mibala mini oyifumanayo xa udibanisa le mibala.



ukuxuba imibala



Imibala ephambili ngu:

bomvu

tyheli

bhulowu

Yithi: Ukuba ndixuba umbala obomvu kunye notyheli ndifumana _____.



bomvu + tyheli = orenji

bhulowu + tyheli = luhlaza

bomvu + bhulowu = mfusa

Teacher:
Sign:
Date:

Umhla: _____

Ukunceda abanye





Masifunde

Umakhulu ugugile kakhulu.

Ndiqhele ukumnceda xa ehamba.

Usebenzisa umsimbithi ze ahambe kancinci.







Uva ubuhlungu bemilenze nomqolo.

Siyancedana sonke kusapho lwam.
Kuhle ukuhlala nosapho.



Bhala Funda izivakalisi ubeke uphawu ✓ kuEwe xa uvuma, ✗ kuHayi xa uphika.

UJabu unceda umakhulu.	
Uva ubuhlungu emqolo nasemilenzeni.	
Kusapho lwethu asincedani.	



Sisebenza ngamagama Funda la magama umamele izandi.

isijwili	jweda	jwi	jwambi
ncoma	ncokola	ncama	ncipha
iindaba	indoda	indebe	indawo



Amagama okujongisiswa

xa ugugile nomqolo



Bhala Ziqhelise ukubhala aba nobumba.
Bhala ke ngoku izivakalisi encwadini yakho usebenzise amagama akwibhokisi yamagama.



P p p p



Sinceda abanye



Masenzeni oku

USam akafuni ukuncedisa ekhaya.
Yenza umdlalo-linganiso uchazele uSam ukuba kutheni kufuneka encedisile nje.



Bhala

Funa ukuba ngubani othanda eyiphi imibala.
Buza abantwana aba-5 eklasini ukuba bathanda yiphi imibala.

Igama	Umbala awuthandayo



Bhala

Bhala izivakalisi ezibini ngomntu omncedayo.



Masonwabe Funa indlela yakho esuka ekhaya eya kwibala lemidlalo.







Teacher:
Sign:
Date:

Umhla: _____

Iindaba ezimnandi





Masifunde

Utitshala usiphathele iindaba ezimnandi.
Uthe iklasi yethu inohambo ngebhasi.

Siza kuhamba iveki yonke.
Sivuye saphantse sakhala.



Bongi

"Bendingazi ukuba ndiza kukhe ndiye eholideyini," kutsho uBongi ebashiya.



Sam

"Ndifuna ukuya elwandle," kutsho uSam eshixiza.



"Ndifuna ukubona izilwanyana zasendle," kutsho uJabu eshawuta.

Jabu

"Ndifuna ukubona iindawo," kutsho uAnn.



Ann

Utitshala usinike izikipa ezibukekayo esiza kuzinxiba xa sisebhasini. Sonwabile.



Bhala

Funda ibali uze uphendule imibuzo.

USam uye waya phi?
Uye waya
UJabu ubefuna ukubona ntoni?
Ubefuna ukubona
Baza kuhlala ixesha elingakanani eholideyini abantwana?
Baza kuhlala eholideyini



Sisebenza ngamagama

Funda la magama umamele izandi.



ushiya	uyashixiza	uyashawuta	usheva
ikhaya	ikhalenda	ikhefu	ikhala
ibhedi	ibhokhwe	ibhasi	ibhaloni

Amagama okujongisiswa

ulwandle
izilwanyana
ibhasi



Bhala

Ziqhelise ukubhala aba nobumba.
Bhala ke ngoku izivakalisi encwadini yakho usebenzise amagama akwibhokisi yamagama.



Q q q q

Nn Oo Pp Qq Rr Ss Tt Uu Vv Ww Xx Yy Zz

Iindaba ezimnandi

Masenzeni oku

Balisela umhlobo wakho ukuba ufuna niye phi nokuba uza kubona ntoni apho.
Ze uzobe umfanekiso wesikipa ukuchaza ukuba ufuna ukubonani.



Bhala

Bhala igama lakho.

Bhala la magama usebenzisa oonobumba abakhulu apho kuyimfuneko.

ubongi	ubonani	ujabu	uphila	umimi

Bhala amagama amane abahlobo bakho.



Bhala

Bhala izivakalisi ezibini malunga nendawo ongathanda ukuya kuyo.



Masonwabe

Izipho. Vala amehlo uphathe izipho ngeminwe.
Chaza ukuba uza kusinika bani na isipho uze uchaze nesizathu soko.
Khumbula ukunika abahlobo bakho, utitshala wakho kwakunye nawe.



Yithi:

Isambrela ndiza kusinika utitshala ngoba utshiswa lilanga yonke imihla.





Teacher:
Sign:
Date:

Umhla: _____

Siya phi?





Masifunde

Siya phi?

Siza kubona izilwanyana zasendle kuqala.

Ze siye elwandle.

Siza kuhamba ngebhasi enkulu yabantwana.

Siye sajonga imephu sabona iindawo.





Ann

"Ndifuna ukubona ukrebe namazinyo akhe abukhali," kutsho uAnn.

"Ndifuna ukomba umngxuma esantini," kutsho uJabu.



Jabu

"Ndifuna ukubona ingonyama namazinyo ayo amakhulu," kutsho uBongi.



Bongi



Bhala

Funda ibali uze uphendule imibuzo.

UAnn ufuna ukubona ntoni?

UAnn ufuna ukubona

UBongi ubefuna ukubona ntoni yena?

UBongi ubefuna ukubona

UJabu ubefuna ukubona ntoni?

UJabu ubefuna ukubona



Sisebenza ngamagama

Funda la magama umamele izandi.



Amagama okujongisisiswa

indlovu
ingonyama
imephu

indlovu	indlu	indlela	indlala	ulwandle
intwazana	abantwana	entweni	intwala	intwana
umgodi	mgade	mgone	umgibe	mgibisele



Bhala

Ziqhelise ukubhala aba nobumba.
Bhala ke ngoku izivakalisi encwadini yakho usebenzise amagama akwibhokisi yamagama.



R R r r

Siza kuya phi?

Masenzeni oku





Xelela abahlobo bakho ukuba zeziphi iindawo ofuna ukuhambela kuzo. Ufuna ukubona ntoni apho?

Bhala

Nombola le mifanekiso uqale ku-I uye kwisi-3 ubonise ukulandelelana kwayo kakuhle. Balisela umhlobo wakho ibali elithethwa yiyo.









Bhala

Bhala isivakalisi ngomfanekiso ngamnye.
La magama aza kunceda, wasebenzise.

sakhwela	iibhegi	sahamba	abantwana	salala

Masonwabe

Zoba ubuso babantwana ezifesitileni zebhasi ze ufake umbala esiqwini sayo.





Teacher:
Sign:
Date:

Umhla:

Ukunqumla elalini



Masifunde

Funda ibali. Biyela ngesangqa amagama anesandi esingu mb.

NgoMvulo

Sesisebhasini bantu bakuthi.

Ibhasi yethu idlula kwilali yeKumkanikazi yeMvula.

Siveze iintloko ezifestileni sifuna ukubona imamba ehlala ehlathini kodwa ihlathi lincinane.



Naziya izindlu, umbona neenkomo ezininzi.

USpoti ukhonkotha iinkomo nezinye izinja azibonayo.



UBongi unqanda uSipoti. Ufuna ukwehla aphume ebhasini.





UJabu uthi, "Yima Sipoti, awuyi apho!"



Bhala Funda ibali uze uphendule imibuzo.

Baphi ngoku ngebhasi?
Bakufutshane
Yintoni eyenza uSipoti afune ukuphuma ebhasini?
Kungoba ubona
Babona ntoni?
Babona
Yintoni ehlala ehlathini?
ihlala ehlathini.



Sisebenza ngamagama Funda la magama umamele izandi.



mmeme	mmise	mmele	ummemezi	ummango
imbali	umbona	iimbambo	imbeko	imbiza

Amagama okujongisiswa

ihlathi
izindlu
iinkomo



Bhala Ziqhelise ukubhala aba nobumba.
Bhala ke ngoku izivakalisi encwadini yakho usebenzise amagama akwibhokisi yamagama.



S S s s

Iifama namahlathi



Masenzeni oku Zoba imifanekiso yezinto ezibonwa ngabantwana.





Bhala Bhala izivakalisi malunga nomfanekiso wakho.





Bhala

Khetha igama elifanelekileyo.

bhasi	ngebhasi	ebhasini

Inja ifuna ukuphuma _____.
Bahamba _____.
Le _____ ihamba kancinci xa isenyukela.



Masonwabe

Bonisa umntu oqhuba ibhasi ukuba kufanele ahambe phi ukuze aphume ehlathini.



Teacher:
Sign:
Date:

Umhla: _____

Ukuqhuba esixekweni





Masifunde

Ibhasi yethu seyingena eGoli.

Sibona iimoto ezininzi nomsi.

Kukho abantu abaninzi abaya ngapha abanye baya ngaphaya.



Sele ephumile ebhasini uSipoti. Ufuna ukuya kudlala nezinye izinja ezincinci.

UJabu uthi, "Buya Sipoti. Awuva."

Ubaleka kakhulu uSipoti, akabuyi.





Masilandeni uSipoti .

"Sipoti, buya, uza kutshayiswa ziimoto!" kukhwaza uBongi.



Bhala Funda ibali uze uphendule imibuzo.

Babonani edolophini?
Babona
Yintoni eyenza uSpoti afune ukuphuma ebhasini?
Kungoba wayefuna
Ngubani obize uSpoti?



Sisebenza ngamagama Funda la magama umamele izandi.

isenti	into	ntanta	intamo
ilizwe	isizwe	ilizwi	zwindini
uswazi	tshayiswa	iiswiti	ukuswela



Amagama okujongisiswa

hlala
buya
izinja



Bhala Ziqhelise ukubhala aba nobumba.
Bhala ke ngoku izivakalisi encwadini yakho usebenzise amagama akwibhokisi yamagama.



T t t

USipoti ubalekile

Masenzeni oku

Linganisa uSipoti ephuma ngesantya ebhasini. Bonisani ukuba uBongi umbize njani ukuba abuye.



Bhala

Nika le mifanekiso amanani alandelelanayo asuke ku-1 – 4 usibonise ukulandelelana kwayo. Balisela umhlobo wakho ibali elithethwa yiyo.









Bhala

Bhala ibali ngokubona emifanekisweni.



Masonwabe

Sishiyisana ngokuya ebhasini. Ngubani enyanisweni oza kufika kuqala ebhasini? Phosa imali eziinkozo phantsi.
Intloko ikuxelela ukuba uhambe kabini ukuya ebhasini. Icala elingenantloko likuvumela ukuba uhambe kanye ukuya ebhasini.
Lowo ufika kuqala ebhasini nguye ophumeleleyo.
Xa uhamba ufika egameni, lifunde elo gama.

isiqhamo
xhuma
nini
ezasendle
igolide
isinge
kudla
kube
kuphi
kungani
kuyabanda
nqanda
nqaba
isinge
inqala
inqindi
impumelelo
impilo
impama
impempe

Teacher:
Sign:
Date:

Umhla:

Sibona ezintlanu ezinkulu





Masifunde

Siphakathi eKruger Park.

Naziya izilwanyana ezininzi zimi nendlovu. Ndifuna ukubona ingonyama.

Bonke abantwana bajonga ezifesitileni bafuna ukubona izilwanyana zasendle.

UJabu ubona ingonyama enkulu isemva kwembabala.







Jabu

"Yho! Jongani bantu. Ayinkulu laa ngonyama! Ifuna ukutya imbabala" kutsho uJabu.

USipoti ufuna ukuphuma kwakhona. Ucinga ukuba angayitya imbabala.



Bhala Funda ibali uze uphendule imibuzo.

Zilwanyana zini eziza kubonwa ngabantwana eKruger Park?
Bazobona
Ingonyama ingaba ifuna ukutya ntoni?
Ifuna ukutya
Ngubani obone ingonyama kuqala?
obone ingonyama kuqala.



Sisebenza ngamagama Funda la magama umamele izandi.



iphaphu	iphuphu	iphela	pheza
emva	imvelo	imvubu	imvu
hayi	homba	halala	ihambo

Amagama okujongisiswa

qala
bona
hamba



Bhala

Ziqhelise ukubhala aba nobumba.
Bhala ke ngoku izivakalisi encwadini yakho usebenzise amagama akwibhokisi yamagama.



U u u u

Ezinye izilwanyana

Masenzeni oku

Zoba umfanekiso wesilwanyana ongathanda ukusibona.






Bhala

Bhala izivakalisi ezibini malunga nomfanekiso wakho.



Bhala

Bhala izivakalisi ezithathu.

Krwela umgca ungqalane nezinto ezifanelekileyo ebhokisini yokuqala nakweyesibini.

Abantwana bebengasathandi	ingonyama.
UJabu nguye owabona	ebhasini.
Abantwana bangena	ukubuyela ekhaya.



Bhala

Gqibezela la magama ngokufakela ezi zandi.
Tshatisa igama nomfanekiso ofanelekileyo.

qh	q	kh	th






__ atha	_____ ala	__bha	____uba

Masonwabe

Silwanyana sini esi?
Gqibezela lo mfanekiso ze uwufake umbala.





Teacher:
Sign:
Date:

Umhla:

Siselwandle



Masifunde Funda ibali. Biyela ngesangqa amagama anesandi esingu hl.

Sesiphindela elwandle kwakhona ngebhasi.

Sifuna ukuhlala esantini.

Amaza ayaphakama. Awaseleki amanzi olwandle. Anetyuwa.

Jongani iinqanawa emanzini.



Intlanzi ezininzi zihlala elwandle.

Ndibona ukrebe nomnenga.

Kumnandi ukuhamba esantini.
Sakha indlu ngayo.





USipoti wemba umgodi wawela phakathi.

Mtsaleni uSipoti bo.



Bhala

Funda ibali uze uphendule imibuzo.

Babephi abantwana?
Abantwana
Kwenzeka ntoni kuSipoti?
Wawela
Babona ntoni abantwana?
Babona



Sisebenza ngamagama

Funda la magama umamele izandi.



hleka	hlala	hloma	hlikihla
emanzini	zininzi	intlanzi	inzulu
mdudule	mde	mdedele	mdala

Amagama okujongisiswa

amaza
intlanzi
hleka



Bhala

Ziqhelise ukubhala aba nobumba.
Bhala ke ngoku izivakalisi encwadini yakho usebenzise amagama akwibhokisi yamagama.



V v v v

Siselwandle

Masenzeni oku Bhala uluhlu lwezinto ezibonwe ngabantwana elwandle.



Bhala Bhala icwecwe eliposwayo uchazele umhlobo wakho ngokubone elwandle.







Bhala

Lungisa ezi ntsuku zeveki uzibhale kakuhle.
Xela ke ngoku ukuba wenza ntoni ngosuku ngalunye.

NgoLwesine | ngeCawe | NgoLwesihlanu | NgoMvulo | NgoMgqibelo | NgoLwesithathu | NgoLwesibini

Usuku	Endikholisa ukukwenza
ngeCawe	



Masonwabe

Dibanisa amachaphaza ze ufake umbala emfanekisweni.





Teacher:
Sign:
Date:

Umhla: _____

Sesibuyela ekhaya

Masifunde Funda ibali. Biyela ngesangqa amagama anesandi esingu ph.



Kufanele sibuyele emakhaya namhlanje. Siphatheke kakubi.

Besonwabile elwandle.
Sipakishe izinto zethu.



Sangena ebhasini.

USpoti uhleli noBongi.

UBongi uphatheke kakubi waze wakhala.



Sajonga ngaphandle sabona iinkomo zisitya ingca. Sasicinga ngezinto esizibone elwandle, iintini zisitya ezinye zidlala. USpoti ubona iinkomo efama zisitya ingca.





Wakhonkotha kakhulu.
Wazama ukuphuma ngefestile.

Hayi, Sipoti. Yima.

Bhala

Funda ibali uze uphendule imibuzo.

Yintoni eyenza iabantwana baphatheke kakubi namhlanje?
Kungoba
Ngubani oye wakhala?
uye wakhala.
USipoti uhleli ecaleni kukabani?
Uhleli ecaleni

Sisebenza ngamagama

Funda la magama umamele izandi.



phepha	thatha	shiya	ngena
phupha	thetha	shusha	ngoba
iphuphu	thutha	shukuma	ingozi

Amagama okujongisiswa

phatha
yonwaba
hleka

Bhala

Ziqhelise ukubhala aba nobumba.
Bhala ke ngoku izivakalisi encwadini yakho usebenzise amagama akwibhokisi yamagama.

W w w w

Sisendleleni siyabuya

Masenzeni oku

Zoba umfanekiso ubonise ukuba babephatheke kanjani abantwana xa sebebuyela ekhaya.



Bhala

Tshatisa inxenye ekwibhokisi epinki kunye nenxenye echanekileyo kwibhokisi eluhlaza.

USipoti	ibhasi.
Abantwana bakhwele	babephatheke kakubi.
Bebengasafuni	ebonwabile elwandle.
Abantwana	ukubuyela ekhaya.

Bhala

Bhala izivakalisi malunga nexesha owawuziva udakumbile.

Masonwabe

Masibalekeni siye esikhepheni?
Masibone ukuba ngubani ongafika kuqala esikhepheni aze abuyele ebhasini.
Phosa imali eziinkozo. Ukuba ufumana icala eliyintloko, hambisa amaqokobhe amabini ukuya phambili. Ukuba ufumana elinye icala hambisa iqokobhe elinye kuphela ukuya ngasesikhepheni.
Xa ufika kwiqokobhe kufuneka ufunde igama.

imbali
induna
imbeko
umfanekiso
amazimba
umfula
umfana
indaba
indoda
inxeba
inxiwa
inxele
ukwala
ukwenza
ukwehla
ulwimi
ulwazi
ulwandle
ncoma
ncinciza
ncanca
ikroti
ukrebe
ingqanawa
ingqaba

Teacher:
Sign:
Date:

Nn Oo Pp Qq Rr Ss Tt Uu Vv Ww Xx Yy Zz

Umhla: _____

Sibuyele eklasini





Masifunde



"Kwowu, ndingabuyela njani elwandle kwakhona?" kutsho uBongi.

Bongi



Titshala

"Namhlanje niza kubhala ibali ngohambo lwenu," kutsho utitshala.



Sam

"Ndiza kubhala ibali ngezilwanyana endizibone efama," kutsho uSam.



Jabu

"Ndiza kubhala ibali ngezilwanyana zasendle endizibonileyo," kutsho uJabu.





Ann

UAnn uthi, "Ndiza kuya kumalume ndifike ndimbalisele."

"Ndiza kudlala noSipoti phambi kokuya kulala. Ndiza kuphupha ndibona ulwandle."



Bhala

Funda ibali uze uphendule imibuzo.

Ngubani oza kubhala ngezilwanyana
uza kubhala ngezilwanyana zasendle.
Ngubani ozobhala ngezilwanyana zasefama?
uza kubhala ngezilwanyana zasefama.
Uza kwenza ntoni uBongi ngaphambi kokuya kulala?
UBongi
UBongi unqwenela ukuphupha ngantoni?
Unqwenela ukuphupha



Sisebenza ngamagama

Funda la magama umamele izandi.



nje	njalo	inja	njani
lwakhe	lwethu	isilwanyana	ulwandle
mxine	mxake	mxelele	mxobule

Amagama okujongisisiswa

kanjani
ulwandle
mxobule



Bhala

Ziqhelise ukubhala aba nobumba.
Bhala ke ngoku izivakalisi encwadini yakho usebenzise amagama akwibhokisi yamagama.



X x x x

Sisekhaya kwakho





Masenzeni oku

Ncokola ngeendaba zakho.

Balisela abahlobo bakho ngekhaya lakho.



Bhala Bhala izivakalisi ezibini ngekhaya lakho.



Bhala Bhala izivakalisi ezithathu.

Tshatisa okusebhokisini yokuqala nokusebhokisini yesibini.

Namhlanje	ebeye kuloBongi.
Izolo uAnn	ndiza kuya esikolweni.
Ngomso	bakhathazekile.
Abantwana	ndifuna ukuya ekhaya.



Masonwabe

Kwiphepha elikwelinye icala zoba indlela ehanjwe yibhasi.

1. Qala esikolweni.
2. Yiya ehlathini.
3. Yiya esixekweni.
4. Yiya eKruger Park.
5. Yiya elwandle.
6. Yiya efama.
7. Buyela esikolweni.







Isikolo



Ihlathi





Isixeko

Ifama





Ulwandle



eKruger Park



Teacher:
Sign:
Date:

Umhla: _____

Isichotho



Masifunde

Funda ibali. Biyela ngesangqa amagama anesandi esingu mv.

Bendisendleleni ndisiya ekhaya ndisuka esikolweni izolo xa kuqala ukuna.

Imvula ivele yana kakhulu. Ndaba manzi toxo. Bendithwabaza ndisoyika ukududuma kwezulu.

Imvula indimanzise ubuso, bendingasakwazi nokubona.

Bendingaboni nokuba ndindedwa.

Khange ndazi ukuba ndiza kuthini.
Ndakhala.



Bhala Funda ibali ze uphendule imibuzo.

UBongi ebesiya phi?
Ebesiya
Uzive njani ngeli lixa esemvuleni?
Uzive
Ebehamba nabani uBongi?
Ebehamba

Sisebenza ngamagama Funda la magama umamele izandi.



igwala	igwinya	isigwili
qwa	iqweqwe	isiqwayi
tweza	twabululula	twela

Amagama okujongisisiswa

izolo
liqala
ndisoyika
njani

Bhala Thiya eli bali igama ulibhale phantsi.

Bhala Gqibezela la magama ze uwatshatise nemifanekiso efanelekileyo.







ibho___	ize___	intya____	itha__	ii___uku

Isichotho



Masenzeni lokhu

Ucinga ukuba yintoni eyenzeke kuBongi?
Balisela umhlobo wakho ukuba kwenzeke ntoni kuBongi.
Xela isiphelo esihle nesibi seli bali.

Esihle

Esibi



Bhala

Bhala izivakalisi ezibini ngesiphelo esihle.
Sebenzisa amanye ala magama.

lila	uyahamba	imvula	uyoyika	inja





Masifunde

Funda isiphelo sebali.

Liphele njani ibali?

Ndisula amehlo afunyenwe yimvula. Nanku uSipoti esiza ephethe isambreli ngomlomo. Ndiye ndavuya.





Ndivele ndasivula isambreli, ndasiphakamisa. Sabaleka saya ekhaya.

Ndasinda ekugqibeleni. Ndibulela uSipoti.



Masonwabe Faka umbala emfanekisweni.





Teacher:
Sign:
Date:

Umhla: _____

Ukududuma nesichotho



Masifunde







Ibali lika-Ann







Besizihlalele sobabini noSipoti ekhaya. Besizidlalela egadini. Ndabona amafu eba mnyama. Bendisithi alizi kuna kodwa kweza isichotho.

Sagalela ngathi ziibhola zegalufa. Kwaphuka yonke into. USipoti yena wayeleqa amatye esichotho. Ndandisoyika.

Ndizamile ukumcela ukuba abuye, waqhubeka. Ndamleqa waze ngelingeni weva wawayeka.

Sithe siphela isichotho thina sabe sesilele ngaphantsi kwebhedi.

Saphuma phandle sabona amatye angangeebhola zegalufa.



Bhala Funda ibali ze uphendula imibuzo.

Ingaba uAnn usibalisela ngokududuma kwezulu?
Hayi, usibalisela
Ebemangakanani amatye esichotho?
Ebe
Baye benza ntoni ooAnn benoSipoti ngexesha befikelwa kukoyika?
Baye

Sisebenza ngamagama Funda la magama umamele izandi.

umjelo	mjonge	mjamele
mcele	mcinge	mculele
qhuba	qhela	qhula



Amagama okujongisisiwa

alizukuna
Bendisithi
Kweza

Bhala Ziqhelise ukubhala aba nobumba.
Bhala ke ngoku izivakalisi encwadini yakho usebenzise amagama akwibhokisi yamagama.

Amatye esichotho

Bhala Gqibezela la magama ze uwathelekise nemifanekiso efanelekileyo.











im_li	am_d_d_	us_na	isa__la	is__t__

Emva kwesichotho neendudumo

Masenzeni okhu

Nika le imifanekiso amanani alandelelane asuke ku-1 – 3 usibonise ukulandelelana kwayo. Balisela umhlobo wakho ibali elithethwa yiyo.













Bhala

Bhala isivakalisi ngomfanekiso ngamnye.
Sebenzisa la magama, aza kunceda.

ingxolo enkulu	isichotho	igalufa	ukoyika	amafu amnyama	ukudlala egadinii	ukwaphuka



Bhala Gqibezela la magama ukuze ahambelane nemifanekiso efanelekileyo. Sebenzisa la magama aza kukunceda.

ivili	isele	isophu	isarha	ihlosi	ivenkile

					
iv_l_	is_l_	is_phu	is_rha	ihl_si	iv_nkil_

Masonwabe Jonga lo mfanekiso ze ubalisele umhlobo wakho ukuba kwenzeka ntoni.

Amanzi ayaguquka



1	Ilanga likhanya elwandle nasemifuleni.
2	Amanzi anyukela esibhakabhakeni.
3	Amanzi enza amafu.
4	Amafu enze imvula. Imvula yehlela emifuleni naselwandle kwakhona.

Teacher:
Sign:
Date:

Umhla: _____

Ndikhe ndalibona ikhephu

Masifunde

ULindi ubona ikhephu.





Bendindwendwele umakhulu. Uhlala lee kude ezintabeni. Kuyabanda khona.

Bendilala ngeengubo ezininzi.

Ndavuka kusasa ndothuka. Ndabona izinto zonke zimhlophe. Kwakukho iliqhwa eluphahleni, kukho iliqhwa ezihlahleni, kukho iliqhwa engceni kunye nasendleleni.

Ndaye ndalibamba.

Libanda kude kube buhlungu iminwe. NoSipoti akakwazanga ukuhamba phezu kwalo kuba liyabanda.

Umakhulu waye wathi mandinxibe iikawusi ezandleni kuba ndandingenazo iiglavu.

Ndandikuthanda ukudlala eliqhweni.





Bhala Funda ibali ze uphendula imibuzo.

Ube phi uLindi selebona iliqhwa nje?
ULindi
Uye wafaka ntoni uLindi ezandleni?
Wafaka ezandleni.
Ubone ntoni uLindi xa evela emnyango?
Ubone



Sisebenza ngamagama Funda la magama umamele izandi.

xwaya	iliqhwa	indlu
waphoxwa	qhwaya	indlela
kuxoxwa	qhwaba	indlovu



Amagama okujongisiswa

kude
uhlala
izinto

Bhala

Ziqhelise ukubhala aba nobumba.
Bhala ke ngoku izivakalisi encwadini yakho usebenzise amagama akwibhokisi yamagama.

Ndiye ndatyelela umakhulu wam.

N

Ikhephu elincinci

Masenzeni lokhu



Zoba umfanekiso wento ocinga ukuba yenziwa nguBongi xa wayedlala ekhephini.

Bhala

Bhala izivakalisi ezibini ngomfanekiso owuzobileyo. Sebenzisa la magama akuncede.

dlala	iiglavu	kunomoya	kumanzi	ikhephu	kuyabanda

Bhala

Tshatisa la magama kunye nemifanekiso efanelekileyo.

				
ingca	ifesitile	umnyama	uthando	iiglavu

Bhala

Gqibezela la magama ngokufaka u- a, e, i, o, u ze uwatshatise nemifanekiso efanelekileyo.

iw__tshi				is__selo	
inj__				ibh__la	
is_lwanyana				ik__yiki	
un_gwaja				igl__vu	
isil__yi				ink__mo	
ul__le				indl__	



Teacher:
Sign:
Date:

Umhla: _____

Amaxesha onyaka



Intswasahlobo



Ihlobo



Ukwindla



Ubusika



Masifunde



Jabu

Andibuthandi ubusika. Buyabanda.



Ann

Ndiyalithanda ihlobo. Ndiyaqubha ehlotyeni.
Ndithanda ukumamela umculo weentaka.



Sam

Ndiyakuthanda ukuthwasa kwehlobo.
Kubakho namasele esizibeni.



Bhala Funda ibali ze uphendule imibuzo.

Ngubani ongayithandiyo ingqele?
Ulithandela ntoni ihlobo uAnn?
Kungokuba
Ukuthandela ntoni ukuthwasa kwehlobo uSam?
Kungokuba

Sisebenza ngamagama Funda la magama umamele izandi.

mcuphe	inyama	thwala
mcele	umnyama	thwethwa
mcobe	elinye	ithwathwa

Amagama okujongisiswa

ingqele
ihlobo
ubusika

Bhala Leliphi elona xesha lonyaka ulithandayo?

Bhala Tshatisa la magama nemifanekiso efanelekileyo.







inyosi	hamba	iintyatyambo	thetha	inyoka

Amaxesha amane onyaka

Masenzeni lokhu

Jonga imifanekiso ze ubalisele umhlobo wakho ukuba yintoni oyithandayo nongayithandiyo ngamaxesha onyaka.
Balisela umhlobo wakho ukuba ziimpahla zini ekufanele sizinxibe ngamaxesha ahlukeneyo.
Xela izizathu.



Intswasahlobo



Ihlobo



Ukwindla



Ubusika

Bhala

Bhala izivakalisi ezine.
Krwela umgca utshatise okusebhokisini yokuqala nokusebhokisini yesibini.

Andibuthandi ubusika ngoba	amagqabi emithi ayawa.
Izilwanyana ziba nabantwana	ndithanda ukuqubha.
Ndithanda ihlobo ngoba	buyabanda.
ekwindla	xa kuthwasa ihlobo.

Bhala

Bhala isivakalisi ngexesha lonyaka ongalithandiyo kunye nolithandayo.

Ndithanda

Andithandi



Masithethe Balisela umhlobo wakho ukuba isele likhula njani na ukusuka eqandeni, liye kunojubalala libe lisele elincinane elinomsila de libe lisele elipheleleyo.





Masonwabe Faka umbala emfanekisweni wesele.



Teacher:
Sign:
Date:

Umhla: _____

Liza kuna namhlanje?

Iimpawu zemo yezulu



Libalele | Linamafu ambalwa | Liyana | Lisibekele | Liyaduduma | Linomoya



Masifunde Funda itshathi yemozulu ze uxele ukuba imozulu iza kuba njani usuku ngalunye.

Itheyibhile yemo yezulu ngoJuni

iCawa	uMvulo	uLwesibini	uLwesithathu	uLwesine	uLwesihlanu	uMgqibelo



Bhala Bhala iimpendulo zale mibuzo.

Le theyibhile yemo yezulu yeyayiphi inyanga?	
Zingaphi zizonke iintsuku kule nyanga?	
Zingaphi iintsuku elibalele ngazo?	
Ziza kuba ngaphi iintsuku apho liza kuba namafu ambalwa?	
Liza kuna iintsuku ezingaphi?	
Liza kududuma iintsuku ezingaphi?	
Kuza kubakho umoya iintsuku ezingaphi?	

Sisebenza ngamagama Funda la magama umamele izandi.

ngena	yimba	sulwa
ingenile	yambatha	thulwa
ingalo	imbono	khululwa



Amagama okujongisiswa

yezulu
iintsuku
yemo

Bhala Ziqhelise ukubhala aba nobumba.
Bhala ke ngoku izivakalisi encwadini yakho usebenzise amagama akwibhokisi yamagama.

Imo yezulu

Itshathi yemozulu



Masenzeni oku

Zoba uphawu lwemo yezulu yanamhlanje.



Zoba umfanekiso wempahla oza kuyinxiba ngokwemo yezulu yanamhlanje.





Bhala

Bhala igama lomntwana eliqala ngesi sandi eklasini yakho.
Khumbula ukusebenzisa oonobumba abakhulu xa ubhala amagama abantu okanye aweendawo.



B	L
D	M
G	T
H	S
R	K



Bhala

Sebenzisa iziphumlisi, oonobumba abakhulu, iziphumlisi kunye nophawu lombuzo kwezi zivakalisi.

ndiyakuthanda ukudlala noJabu xa kubalele

uyavuya xa kubanda

usuku lukasam lokuzalwa lungojulayi kuza kube kusebusika



Bhala

Qgibezela itheyibhile yemo yezulu yanamhlanje. Qgibezela imo yezulu yeentsuku ezi-5 ezizayo.



NgoMvulo



Teacher:
Sign:
Date:

Umhla: _____

UJabu ufike emva kwexesha esikolweni



Masifunde

Namhlanje uJabu ulele ixesha elide waselwa.

USipoti ude wakhwela phezu kwakhe engavuki.





Umama kaJabu ufikile wamvusa. Wamthethisa akeva.

Uvuke apho uJabu waleqa ibhasi, kodwa yamshiya.

Uhambe ngeenyawo waya esikolweni. USipoti uye wahamba naye.

Ufike emva kwexesha kakhulu esikolweni.

Sive utitshala esithi, "Ngubani ixesha ngoku , Jabu?"





Ngubani ixesha?
Zoba amasiba ewotshi.





Bhala

Funda ibali uze uphendule imibuzo.

Kutheni uJabu efike emva kwexesha nje esikolweni?
Kungoba
Uye ngantoni esikolweni uJabu?
UJabu
Kutheni engayanga ngebhasi esikolweni uJabu?
Kungoba



Sisebenza ngamagama

Funda la magama umamele izandi.

mveze	mxoxise	zwabuluka
mvuse	mxolele	ilizwe
mvale	umxoxozi	ilizwi



Amagama okujongisiswa

ixesha
akeva
shiya



Bhala

Ngubani ixesha?



Sixela ixesha



Masenzeni oku

Yitsho kumhlobo wakho ukuba usiba oluncinane lukhombe kweliphi inani, ze utsho ukuba olukhulu lukhombe eliphi inani.









Bhala iiyure kunye nemizuzu eyalathwa lusiba ngalunye.

usiba olufutshane	usiba olude
10	2

usiba olufutshane	usiba olude

usiba olufutshane	usiba olude

usiba olufutshane	usiba olude



Bhala

Zoba iwotshi ebonisa ixesha.



1 ezimpondweni



6 ezimpondweni



3 ezimpondweni



9 ezimpondweni



Bhala

Fakela amanani kwezi zikhewu.





Ndivuka ngeyure _____ ezimpondweni.

Ndilala ngeyure _____ ezimpondweni.





Isikolo singena ngeyure _____ ezimpondweni.

Masonwabe

Fakela amaxesha ahlukeneyo kwezi wotshi ze uxelele umhlobo wakho ukuba kuxesha liphi. Sika iwotshi engasemva encwadini ze uyifake amasiba. Bonisa umhlobo wakho amaxesha ahlukeneyo.



Teacher:
Sign:
Date:

Umhla: _____

Ngubani ixesha?



Masifunde



UJabu uvuka ngeyure yesithandathu ezimpondweni.

UJabu ukhwela ibhasi ngeyure yesixhenxe ezimpondweni.







UJabu ubuyela ekhaya ngeyure yesibini ezimpondweni.

UJabu utya ngeyure yesithandathu ezimpondweni.

UJabu ulala ngeyure yesibhozo ezimpondweni.



Bhala Funda ibali uze uphendule imibuzo.

UJabu uvuka xesha liphi?
Uvuka
UJabu ukhwela ibhasi xesha liphi?
Ukhwela ibhasi
UJabu ulala xesha liphi?
Ulala



Sisebenza ngamagama Funda la magama umamele izandi.

iyure	ezimpondweni	ixesha
irula	undwendwe	uxam
irandi	ephondweni	ixolo



Amagama okujongisisiwa

uvuka
ukhwela
ubuyela



Bhala

Ixesha yi

Bekuxesha liphi...?

Masenzeni oku Tshatisa amaxesha akwezi wotshi.



Bhala Bhala amaxesha ze uzobe amasiba eewotshi ukubonisa amaxesha afanelekileyo.

Xesha liphi	Ndivuka ngeyure	Bhala
Ndiya esikolweni ngeyure		
Ndifika ekhaya ngeyure		
Nditya ngeyure		
Ndilala ngeyure		

Masenzeni lokhu Bonisa amaxesha ahlukeneyo ewotshini oyisikileyo.



iyure	irula
irandi	mveze
mvuse	mvale
ngena	ingaba
ingalo	mcele
mcobe	xwaya
phoxwa	kuxoxwa
mjikele	mcele
qhuba	itwina
isenti	ilizwe
uswazi	mmeme
imbali	indlovu
mxoxise	mxolele
mxelele	yimba
imbobo	inyama
elinye	iliqhwa

mjonge	mcenge
qhuba	qwa
into	ilizwe
mmise	imboni
indlu	iklasi
ilizwe	isizwe
ilizwi	sulwa
thulwa	lulwa
thwala	indlela
indlovu	mjamele
mculele	qhaqha
isigwili	igwinya
igwala	isizwe
iswiti	mmele
imbangi	indleko
shusha	phepha

iphuphu	phupha
ihlabi	hloma
hleka	mdedele
mdudule	entle
imvubu	iphela
iphaphu	hamba
mvale	emva
impilo	impempe
intamo	impama
imbila	ubuzwe
ngena	indlala
thatha	ngoba
thutha	thetha
ihlahla	hlikihla
hlala	mdala
imvelo	hala

Masonwabe

Umdyarho wamagama Wena nabahlobo bakho khethani imizila yomdyarho eniza kuba nawo. Sebenzisa iwotshi ukubona ukuba kukuthatha ixesha elingakanani na ukufunda amagama asemizileni yakho. Ningaqala ukufunda ngexesha elifanayo. Tshintshani imizila nifunde kwakhona. Yisebenziseni yonke imizila nileqane ukuze niqeqesheke. Phawulani amagama animisayo emizileni ukuze nikwazi ukuziqhelanisa nawo.



Umhla: _____

Ukunxibela imozulu



Masifunde



iindaba ezihlekisayo

USipoti wayesihla ngendlela esingise kwaNjilo umzi owawunetheko. Wayenxibe umnqwazi nedyasi enkulu kuba yayiqhaqhazelisa amazinyo ingqele.

Endleleni wadibana noBhoki ibhokhwe kunye noXoxo isele, nabo babenxibe shushu bengafuni ukugodola.

Bahamba kunye ukuya kwaNjilo sebevuza amathe becinga ngenyama abaza kuyityа apho.

Babecula bexokozela bekhonkotha bekhala iyiloo nto yimincili.



Bhala Funda ibali uze uphendule imibuzo.

Uhamba noobani uSipoti namhlanje?
USipoti uhamba
Bayaphi?
Baya
Kutheni benxibe iidyasi nje?
Kungokuba
Bayokwenza ni kwaNjilo?
Bayoku

Sisebenza ngamagama Funda la magama umamele izandi.

inyama	inyoka	inyosi	inyewe	nyuka
ingqele	ingqondo	ingqawe	ingqula	ingqondi

Amagama okujongisiswa

nomzi
emgodini
aphume

Bhala Ziqhelise ukubhala aba nobumba.
Bhala ke ngoku izivakalisi encwadini yakho usebenzise amagama akwibhokisi yamagama.

Ibhokhwe inxibe idyasi.

Iphephandaba lam

Masenzeni oku

iindaba ezihlekisayo

Balisela abahlobo bakho iindaba zakho. Ncokola ngamabali ongawathumela kwiphephandaba olithandayo.



Bhala

Bhalela iphephandaba lakho.

Igama lephephandaba

Umhla

Zithini iindaba zakho?

Kwaqala kwenzeka ntoni?

Zoba umfanekiso weendaba.



Masonwabe

Sika unodoli wephepha ongasemva encwadini. Sika ezi mpahla unxibise unodoli ehlotyeni nasebusika. Thiya impahla nganye igama.

Isichazi-magama sam



Isichazi-magama sam

M m

S s

N n

T t

O o

U u

P p

V v

Q q

W w

R r

X-Z

x-z






glue





Clock

Cut out the clock and then the hands of the clock. Use the clip (a splitpin) to fasten the hands to the clock so that they can turn around. Now use your clock to show your friends the time.

At the same time fasten this hand to the weather clock on the back of the clock.

Attach the hand to the weather chart and then turn it to show what the weather is like each day.

Cut out the animals on the previous pages and stick them on the next pages to show where they live.

